

# UNaka noNala bathetha ngomhlaba


Connie Makgabo

Vusi Malindi


Ulwazi Lwethu


isiXhosa First sentences



UNaka noNala basegadini. Bayacoca ibe batyala nemifuno.

UNala uyakhefuzela esithi, “Kutheni sisebenza kangaka elangeni nje?



UNaka uphendula athi, “Sisebenza nzima kuba siyawuthanda umhlaba nendawo esihlala kuyo!”

Wongeza esithi, “Abantwana bakhula kakuhle kwindawo ecocekileyo.”




Uqhubeka athi, “Kunjalo sityala imifuno ukuze sitye ukutya okusempilweni.”

UNala uthi, “Ukutyala imifuno kungasinceda songe imali.”



UNala uthi, “Ubusithini ngomhlaba? Ndicela undibalisele ngakumbi.”

UNaka uthi, “Masihlale phantsi, ndiza kukubalisela into ngomhlaba.”



UNaka uqalisa ngokuthi, “Umhlaba yiplanethi engqukuva esihlala kuyo.

Kuhlala abantu abamalunga neebhiliyoni ezisi8 apha! Umhlaba ujikeleza ilanga.”



“Le planethi yenziwe ngomhlaba, ngomoya namanzi. Izinto eziphilayo zihlala ngaphezulu kule planethi kuba itshisa kakhulu ngaphakathi,” uNaka uyacacisa.



UNala uyamphazamisa aze athi, “Kutheni singawi ngaphaya komhlaba nje?”

UNaka uphendula athi, “Umbizane womhlaba usenza sihlale apha. La mandla omhlaba asitsalela kule planethi.”



“Singawuhoya njani umhlaba?” uNala uyabuza.

UNaka uphendula athi, “Kufuneka singawungcolisi. Sifanele ukuphinda sizisebenzise izinto ebesizisebenzisile ukuze sinciphise izinto ezingcolisayo.”



UNaka uqhubeka athi, “Simele ukuphinda sisebenzise izinto eziyiplastiki, iphepha, iglasi neetoti. Singakwazi ukwenza izinto ezintsha ngezinto ebezikhe zasebenza. Zininzi gqitha izinto esizilahlayo.”



UNaka ugqibezela ngokuthi, “Kufuneka siwuhoye umhlaba kuba abantu bayawudinga ukuze baqhubeke bephila.”

UNala uthi, “Masibuyele emsebenzini!”

## Imibuzo

1. Wenza ntoni uNala noNaka? Ngoba?
2. Bhala izinto ezi4 ngeplanethi yethu.
3. Kutheni kufuneka siwuhoye nje umhlaba?
4. Kuthetha ukuthini ukuphinda sisebenzise izinto?
5. Ziintoni ezinokuphinda zisetyenziswe?
6. Yintoni enye esinokuyenza ukuze sikhusele umhlaba?

